Isalathiso: 20210630-4071
Inombolo yefayili: 12/5/R
Imibuzo: Berenice Daniels

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loKunika iNkxaso kwiMfundo eBandakanya Bonke aBafundi neeMfundo eneeMfuno eziZodwa: 0001/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko zeMfundo eBandakanya Bonke aBafundi neNika iNkxaso yeMfundo eneeMfuno eziZodwa, kuBafundi nakooTitshala, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko bokuNika iNkxaso kuLawulo nokuPhathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe nakwiiNqununu zezikolo zikarhulumente

Isihloko: Inyathelo lokunika inkxaso ukuskrinwa, ukuqatshelwa, ukuvavanywa nongenelelo ngoncedo kubafundi abanezithintelo kwimfundo nabafuna inkxaso engaphezulu ukwandisa intatho-nxaxheba nobandakanyeko lwabo ezikolweni

1. INgcaciso yeCandelo loKunika iNkxaso kwiMfundo eBandakanya Bonke aBafundi neeMfundo eneeMfuno eziZodwa 0001/2016, yange-23 Matshi 2016, ibonelele ngomgaqo-sikhokelo wokwandiswa kwenkxaso ebandakanya bonke abafundi nemfundo eneemfuno ezizodwa ngokungqinelana noxwebhu i-*Special Needs Education, White Paper 6,* lwangoJulayi 2001.

2. Isigaba sokuqala sasibandakanya inkxaso yasesidlangalaleni (*advocacy*) ngokuphathelele kwimfundo ebandakanya bonke abafundi, ukuhlolwa kwenkqubo (*audit)* yenkxaso kazwelonke ekhoyo novavanyo olwenzelwa kwindawo yomsebenzi (*field-testing*) kwizikolo ezityunjiweyo.

3. Isigaba sesibini sibandakanye izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ezityunjiweyo ukuba zenzele abafundi iinkonzo, izikolo eziqhelekileyo ezityunjiweyo ukuba zixhotyiselwe ukunika inkxaso kubafundi abaneemfuno ezinganeno ukuya kweziphakathi ukwenzela ukuba kungabikho mfuneko yakudluliselwa kwabo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa, ukumiselwa kweeKomiti eziNika iNkxaso eZikolweni (*School-based Support Teams*) (*SBST*)) kwizikolo eziqhelekileyo ukuququzelela inkxaso efumanekayo kwisikolo sabafundi abanezithintelo kwimfundo nokumisela iikomiti zokunika inkxaso ebanzi kwiisekethe/kwizithili ezisebenzisanayo.

4. Ngoku sikwisigaba sesithathu okanye sokuqaliswa kokusetyenziswa kwenkqubo. Iqela lezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa litshintshelwe kumaZiko azii-*Special School Resource Centres* neekomiti zamacandelo ezifundo ahlukeneyo ii-*multi-disciplinary Inclusive Education Outreach Teams* okanye iiKomiti ii-*Specialised Outreach Teams.*

5. Izikolo eziqhelekileyo kwisekethe nganye zixhotyiselwe ukuba zibe zizikolo ezibandakanya bonke abafundi ezizezona zibalulekileyo, iikhosi zoqeqesho lo gama besenkonzweni ezimalunga nokufundisa okubandakanya bonke abafundi ezifumanekayo.

6. Ngokumana kusongezwa, izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa ziya kulungiselela kuphela abafundi abaneemfuno zokufumana inkxaso engamandla kangangelo thuba lokufumaneka kwenqanaba laloo nkxaso okanye lezo nkonzo zemfundo eneemfuno ezizodwa esikolweni. Abafundi abaneemfuno zenkxaso banokulungiselelwa kwisikolo esiqhelekileyo okanye esinika inkonzo epheleleyo (*full-service school*) yaye bengenakwamkelwa kwisikolo semfundo eneemfuno ezizodwa.

7. Njengoko singena kwisigaba sokuqaliswa kokusetyenziswa kwale nkqubo iSebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) lizibandakanye kwisicwangciso esibanzi sokuxhobisa ngezakhono zokwandiswa kwemfundo ebandakanya bonke abafundi. Siqalisa ngezikolo zenkonzo epheleleyo/zemfundo ebandakanya bonke abafundi ezityunjiweyo, amaZiko ii-*Special School Resource Centres* nabasebenzi bokunika inkxaso kwimfundo eneemfuno ezizodwa, ngenjongo ephambili yokufikelela kuzo zonke izikolo nakubo bonke abasebenzi.

8. Isixhobo sokuSkrina, sokuQaphela, sokuVavanya nokuNika iNkxaso esihlaziyiweyo (*SIAS*) *tool*)) sasigazethiwe ngoDisemba 2014. Isixhobo i-*SIAS* sinenjongo yokuphendula kwiimfuno zabantwana ababuthathaka okanye abajongene nesithintelo esinye okanye ngaphezulu kwimfundo ngendlela engatshintsha-tshintshiyo nekumgangatho ofanayo, sinika iinkqubo nezixhobo zokubanika inkxaso.

9. ISebe i*WCED* lenze iprogarm yokunika inkxaso, equka isixhobo i-*SIAS* (isiHlomelo A).

10. Eli nyathelo lichaza imisebenzi katitshala, yekomiti i-*SBST*, yeekomiti zokunika inkxaso zeesekethe/zezithili imisebenzi katitshala, ezekomiti i-*SBST,* iikomiti zokunika inkxaso, amaZiko aNika iziXhobo zokuFunda iZikolo zeMfundo eneeMfuno eziZodwa (*Special School Resource Centres*), iikomiti zokufikelela ezikolweni nezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa.

11. Neprothokholi yokugcinwa ngokunqatyisiweyo kwamaxwebhu (isiHlomelo B).

12. Lo mgaqo-nkqubo namaxwebhu asisikhokelo kwimfundo ebandakanya bonke abafundi anokufumaneka kwiziko lewebhu leSebe i*WCED*.

13. Kucelwa nazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO
UMHLA: 2021-06-30